

UNJING. MS MAKHANYA, INQUNUNU NESEKELA-NGQONYELA

IYUNIVESITHI YOMZANTSI AFRIKA

THE CHANCELLOR'S CALABASH AWARD GALA DINNER

Imfundo yesininzi kwiminyaka engama-25

Democratic Education at 25

THE HOUGHTON HOTEL, HOUGHTON, JOHANNESBURG

01 NOVEMBA 2019

Ndiyabulela Mphathi-Nkqubo: UNkskzn Sedzani Musundwa,
weKholeji yeSayensi yoCalulo-mali (Accounting Sciences) e-Unisa

INgqonyela yethu, uMongameli Thabo Mbeki, kunye nosingethe lo
msitho wokunikezelwa kwamabhaso kwiSidlo esibalulekileyo
sangokuhlwa nje *i-Calabash awards*.

- Nkskz. Zanele Mbeki kunye nabambisene nabo kulo mcimbi wobu busuku
- Amalungu amaqela ahlukeneyo ozakuzo
- Nkskz. Mandu Makhanya
- UMongameli uKgalema Motlanthe, udwendwe lwethu olumenyelwe ukuba sisithethi sosuku ekwangomnye wabaza kuwongwa ngokuhlwa kwanamhlanje (ROBBEN ISLAND ALUMNUS AWARD).

(Ekungaphumeleleni kwakhe, ngokuhlwa nje uMongameli Motlanthe uya kumelwa nguNjing. Firoz Cachalia, uSihlalo weKgalema Motlanthe Foundation Trust.

- IJaji Edwin Cameron, oza kuwongwa ngokuhlwa nje (PUBLIC SERVANT AWARD)
- UMnu. Sizwe Nxasana, oza kuwongwa ngokuhlwa nje (OUTSTANDING ALUMNUS AWARD)
- UNjing. Azwihangwisi Mavhandu Mudzusi, oza kuwongwa ngokuhlwa nje (OUTSTANDING EDUCATOR AWARD)
- UMnu. Maurizio Mariano, ummeli we KM Foundation
- Amalungu Olawulo Oluphezulu nolongezelelweyo ase-Unisa
- Abasebenzi base-Unisa, Abafundi nabathathi-nxaxheba
- Oza kusonwabisa ngokuhlwa nje
- lintloko zemizimveliso, iindwendwe ezikhethekileyo, abahlobo kunye nababengabafundi e-Unisa, manene namanenekazi

Mandibulise kuni nonke ndinamkela ngezandla ezishushu ngokuhlwa nje kumsitho we-*Chancellor's Calabash Awards* - isidlo esindilisekileyo kusukela saqala ukubakho kwiminyaka elishumi eyadlulayo, sekusesona siganeko siphambili kwikhalenda yeziko lethu.

Obu busuku buphawula elinye lamaxesha okuzingca kubomi beyunivesithi yethu. Bubusuku xa sihleli kwaye sicamngca ngendima yethu njengeziko lemfundo ephakamileyo.

Siluluntu olwambethwe zizigidi zemingeni; ngoko, sifuna ithamo

lechiza elikhethekileyo lenkuthazo ukuqhubekela phambili. Noko kunjalo, ukujonga kwikamva kutyhila umbono (vista) ogcwele ithemba kulutsha lwethu nakwizizukulwana ezizayo. Embindini womgxobhozo okhoyo lingomso elineengoma ezimnandi.

Mlawuli-Nkqubo, lilungelo lam elikhethekileyo ukuba ndithethe ngalo msitho mkhulu kangaka. Ndingwenela ukuvakalisa umbulelo ongazenzisiyo kwiSiseko se-Unisa (Unisa Foundation) ngokusinceda ukudibanisa lo msebenzi mhle kangaka.

Mandiphinde ndibulele iNgqonyela yethu, uBawo uMongameli Mbeki, ngokusingatha lo mcimbi wokunikezela ngamabhaso nangokusoloko esinika ubulumko xa siqhuba le yunivesithi ekubeni yiYunivesithi yase-Afrika kwinkonzo yoluntu kwixesha elizayo.

Yile njongo yokusebenzela uluntu esinyanzelayo ukuba sicinge ngabo bafundi abangathathi ntweni kwaye besohluleka ukuhlawulela eyona mfundo ifikelelekayo yeyunivesithi kweli lizwe lethu.

Ndikuthetha oku ngokolwazi olusileleyo lwemeko apho uninzi lwabantu bethu lusadangele phantsi koxinzelelo lweqondo lentswelo-ngqesho ephezulu kunye nokuxhatshazwa kwabasebenzi, okwenza bangakwazi ukuthumela abantwana babo kwimfundo ephakamileyo.

Ndikwakuthetha oku ngokolwazi olusilelayo lwemeko yentlupheko, ethi nangona kunjalo, ingaphumeleli ukucima amathemba olutsha oluninzi oluzimisele ukubalekela imiqobo yentlupheko ngokufunda.

Ngamaphupha olutsha abaphuma kulo lonke ilizwe, ukusuka kwiilali ezinothuli ukuya kwiilokishi ezixinzelelweyo kunye nezinye iimeko zasedolophini, ezisinyanzela ukuba sihlale sicinga njengeyunivesithi kwaye sifumane izisombululo zokulungisa umthwalo owongeziweyo wokuhlawula iindleko kunye nezixhobo zokufunda.

Siqonda kakuhle ukuba into esijongene nayo yingxaki engaphezulu kunathi. Yingxaki efuna ukuba zonke iinkokheli zoluntu zihlangane kwaye zabelane ngezixhobo kunye neendlela zobuchule zokudalela amathuba ulutsha lwethu.

Kuyasivuyisa ngoko ukubona uninzi lwenu oluvela kwicandelo lamaqumrhu amanyeneyo nikhona ngokuhlwa nje, niphakamisa izandla zenu nibonisa ukuzimisela kwenu ukufaka isandla kwikamva lesizwe sethu. Njengokuba abantu abaninzi behlala besalatha, elenu licandelo elinemithombo emikhulu ekufuneka ibekwe ndawonye ukunceda ukwakha isiseko esomeleleyo sokuqhubeka nokwakhiwa kwakhona kwelizwe lethu.

Luluvo lwam ke ngoko ukuba obu busuku bumalunga nathi sonke ukuba senze isibhambathiso, kule meko ekhululekileyo, kunye nokuzinikela kwakhona kwimfundo yesizwe sethu.

Obu busuku bokokuba sibhiyoze kunye nokukhuthaza ingqibelelo. Ngumsebenzi wethu wemihla ngemihla njengeziko lemfundo ephakamileyo ukunceda abantu bafikelele kumanqanaba aphezulu kwiinzame zabo zemfundo. Oku sikwenza ngokufundisa nokufunda, ukwenza uphando kunye nokuvelisa izinto ezintsha nokubandakanya uluntu. Sivakalisa kwihlabathi liphela ukuba, emva kokuba abafundi bethu bedlulile kwiminyaka yoqeqesho, bafumene inqanaba elithile lobuchule kwaye bakulungele ukungena elizweni lokusebenza. Ngendlela efanayo, sinika ingqalelo abo bahlobo bethu abanegalelo ekwakheni isizwe sethu.

Kodwa kunokwenzeka njani iyunivesithi ikhulise umdla osebenzayo ekunikezeleni amabhaso ohlobo esiwanikezelayo ngobu busuku? Kutheni singahlali ngokubahlonipha ngeziqu zobugqirha kunye nezinye?

Amaziko emfundo ephakamileyo asisipili kuluntu abasebenza kulo. Azifestile esibona ngazo umhlaba. Aphenjelelwa aphinde aphembelele uluntu. Abanye bade bathi amaziko emfundo ephakamileyo amele imeko yeenzame zenkqubela phambili yomntu malunga nokuphuhliswa kokuqonda/kwengqiqo yabo.

Ngulo mzamo esizama ukuwunika ingqalelo, sisithi kwabo babe negalelo kuphuhliso loluntu: “Qhubekani nomsebenzi omhle! Kwaye, niqhubeke nokusikhuthaza!”

Amabhaso akwangumboniso ecala lendlela esiya kulo, iincoko esinazo ngaphakathi njengeziko, nomyalezo esifuna ukuwugqithisela kwisizwe nakwihlabathi.

Elethu liziko elisendleleni yokuziguqula, kwaye kwangokunjalo libe negalelo kutshintsho olubanzi loluntu.

Okubandakanywe kolu hambo lwenguqu lithemba esifuna ukulibethelela; ukuthi phakathi kwayo yonke imicelimngeni esinokuba sijongene nayo singabantu, likho kwaye kumele lihlale likho ithemba lekamva elingcono.

Okubandakanywe kuhambo lwethu lwenguqu yinjongo ephambili yokuzibuyisela ebuntwini.

Okubandakanywe kuhambo lwethu lwenguqu kukusebenzela ingqibelelo, nokubonisa ukuba kunokwenzeka ukwakha uluntu apho amandla ababhinqileyo kunye nawamadoda, amantombazana amancinci kunye namakhwenkwe amancinci, amandla olutsha lwethu, onke ahlanganiswe ukwakha uMzantsi Afrika obumbeneyo onoxolo nophumeleleyo/nochumileyo.

Kungenxa yolwazi lwale mvelaphi ukuba sibe nokukhetha abawongwayo bethu ngokuhlwa nje.

Sihloniphekile ngokuba kunye nabemi boMzantsi Afrika ababalaseleyo; ababomi babo kunye nempumelelo yabo/izinto eziphunyeziweyo zibonisa ukuzinikela, ukugxila, kunye nokomelela. Ihambo zabo ziphawulwa kukuzimisela kungekuphela nje ukuphucula ubomi babo kunye nokufumana ukuphakama okukhulu, kodwa ngaphantsi kokuzimisela kwakukuzibophelela ukwenza igalelo ekuphuculeni kobomi babanye abantu.

Yayingekuko ukuzimisela kuphela okuphambili kwimpumelelo yabo. Yayingekuko ukuzinikela kuphela ukuphucula ubomi babanye okuphambili kwimpumelelo yabo. Okubaluleke kakhulu, babeke imigangatho ephezulu yenkonzo abayinikela eluntwini. Ngeminikelo yabo kwinkalo yemfundo, ulawulo oluhlanganisiweyo, umthetho kunye nenkonzo yoluntu, kunye nezopolitiko, abawongwayo bethu baxhome umgangatho ophezulu kwaye babonisa ukuba ulangazelelo lokuguqula uluntu kufuneka lukhatshwe kukuzinikela kwingqibelelo.

Mlawuli-Nkqubo, kundivuyisa kakhulu ukwamkela phakathi kwethu iNgqonyela yethu, uMongameli uThabo Mbeki, kunye nabaza kuwongwa, uNjingalwazi Azwinhangwisi Helen Mavhandu-Mudzusi, uMnumzana uSizwe Nxasana, u-Justice Edwin Cameron kunye noMongameli Kgalema Motlanthe, omelwe ngobu busuku nguNjingalwazi Firoz UCachalia (uSihlalo weKgalema Motlanthe Foundation Trust).

Andinqweneli ukubugxobha ubusuku benu, manene namanenekazi, ndicacisa ngeminikelo yomntu ngamnye , ukuzidela kwenu ukuze kuphile abanye kunye nokuzinikezela kwaba bantu bawongwayo abalulekileyo, hleze ndiphazamise ixesha elenzelwe oko.

Ndiyathemba ukuba, nangona kunjalo, kukuba niyakusivumela ukuba sibe namalungelo okuziqhayisa ngokuthe ngqo. Bonke aba baza kuwongwa abakhethekileyo ngabakhe baba ngabafundi (alumni) bale yunivesithi inkulu-iYunivesithi yoMzantsi Afrika. Sinebhongo ngoko njengeziko ukuba uphawu lwethu lunokuvakala kuwo onke amacandelo oluntu, kwaye ama-alumni ethu abalasele ekwakheni uluntu lwethu.

Egameni leNgqonyela, iBhunga, abaLawuli, abaSebenzi kunye nabafundi balapha, iYunivesithi yeSizwe, iYunivesithi yoMzantsi Afrika, ndinqwenela ukunamkela, uMnu. Ngqonyela, iindwendwe ezikhethekileyo, abaxhasi kunye namahlakani ezorhwebo, kwaye, ngokubaluleke kakhulu , abo bethu baza kuwongwa.

Ndiyathemba kwaye ndinqwenela ukuba nibe nobusuku obuhle.

Masibhiyozele ingqibelelo!

Enkosi!